

# PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAGRIN SA YOPHULISO LWABAVELISI



Ifoto: ARC-Grain Crops.

## Lulumkele ukhula LWASEBUSIKA

**U**KUTSHATYALALISWA KOKHULA LWASEBUSIKA ASINGOMSEBENZI WOKUZONWABISA KODWA KUYIMFUNEKO. ENTLAKOHLAZA, AMASIMI MAKACOCEKE KWYE UKHULA LWASEBUSIKA MALUNGABI YINGXAKI. OLU KHULA LUYAKWAZI UKUZIQHELANISA NEEMEKO ZASEBUSIKA KWYE LUNESAKHONO SOKUSINDA NOKUKHULA KULA MATHUBA EMBALELA. LUKWANASO NESAKHONO SOKUSEBENZISA AMANZI NGENDLELA ENCOMEKAYO KANTI LUKHULA NGOKUNGALAWULEKIYO EMVA KWEEMVULA ZOKUQALAZEHLOBO.

Ngelishwa, abalimi abaninzi babambeka emgibeni wokungulutshabalihi ukhula lwasebusika. Bazixeleta ukuba amakhuba, awezikotile okanye izilwanyana ziya kulutshabalala ukhula lwasebusika, kodwa ngelishwa ukuhlakula akuyilawuli ingxaki. Isiphumo sokuyekelela siba ngamasi-mi anokhula olungalawulekiyo nolusebenzisa ukufuma okuninzi, aze umlimi agqibebe ngokuba namasimi angalimekiyo ngenxa yokoma okugqithisileyo. Oku kukhokelela kwilahleko zezivuno, ukwanda kwe-mingcipheko kune nokufowunelwa kwifosi yomphathi webhanki.

Abalimi mabakhumbule ukulawula ukufuma okusemhlabeni, njengoko ukufuma kuyenye yemibandela ebalulekileyo ekulinyweni kweenkozo.

Ebusika ukhula alukholisi ukukhula lude luvele ngaphezu komhlabba kodwa iingcambu zikhula ngokukhawuleza phantsi komhlabba. Xa umxokelelwano weengcambu sowupuhule ngokupheleleyo, ukhula lwasebusika lungasebenzisa ukufuma kwemvula yokuqala kuze oko kukhokelele ekukhuleni okukhawulezayo. Oko kukhula kusebenzisa ukufuma ngamandla, aze amasimi ome kakhulu angalimeki.

*I-Conyza spp.* Iukhula lwasebusika oluqhelekileyo ekufuneka lutshatyalalisiwe. Luquka okulandelayo:

- *I-Fleabane (skraalhans)* – ifoto 1A neB.
- *I-Senecio consanguineus* okanye iragwort (*radiatorbossie*) – ifoto 2A neB.
- *I-Argemone ochroleuca* okanye iMexican poppy (*ikhakakhaka esiblowu esineentyatyambo ezimhlophe*) – ifoto 3.

### INDLELA YOKUTSHABALALISA UKHULA LWASEBUSIKA

Kuqhelekile ukuba kuhlakulwe ngendlela engekho nzulu okanye kusetyenziswe ikhuba lezikotile msinyane kangangoko, ngokunjalo nokufakwa kwekhemikhali yokhula kwizityalo ezincinane seyiza kuphela inyanga kaMatshi okanye isaqala eka-Apreli kuba oko kungakufenza ukutshatyalalisa kokhula lwasebusika. Kuyagxininiswa ukuba ukhula lwasebusika lufanele ukuba lube luselula – umzekelo, *iConyza spp.* maybe isekwibanga lerozi egobileyo ukuze iikhemikhali zokhula zisebenze kakuhle.

## Lulumkele ukhula...




1A



1B

Izityalo zeConyza ezelula.



2A

Izithole zesityalo seragwort.

Emasimini ombona kunganzima ukufakwa kweekhemikhali zokhula. Kungafuneka inqwelomoya okanye 'i-high boy'. Ingxaki kukuba ikhemikhali yokhula mhlawumbi ayibhaliselwanga loo msebenzi, kuze oko kwenze kube nzima kakhulu ukutshiza ukhula lwasebusika ngempumelelo encomekayo. Amaqondo aphantsi obushushu kuJuni, Julayi namgoAgasti nawo anefuthe elibi kwiikhemikhali zokhula. Oku kuthetha ukuba ukusetyenziswa koomatshini kuko okulungele inkubo yokulima ngendlela eqhelekileyo.

Xa kusetyenziswa izixhobo ezingafikelekiyo apha kunzulu khona, abalimi mabaqinisekise ukuba amazinyo amiselwe ngezithuba ezi-khokela ekubeni kubekho ukungenelelana ukuze kungabikhо zikhewu ongafikelelanga kuzo umsebenzi owenziwa kukhula lwasebusika. Ku-cetylisa ukuba amasimi ahlakulwe kwangoko emva kokuvuna, ngaloо ndlela luya kuphucuka ulawulo lokhula lwasebusika.

### Ukusebenzisa iikhemikhali zokhula

Ukuba umlimi ufuna ukusebenzisa iikhemikhali ukuze atshabalalise ngakumbi inqoboka/ingca elukhula, inkoliso yeentlobo zofundonzulu zenzululwazi ixhasa ukusetyenziswa kweglyphosate kwimixube ene-zinye iikhemikhali zokhula, ukuze kubekho iziphumo ezahlukahlukileyo malunga nokubolekisana okanye ujikeleziso lweekhemikhali zokhula kulawulo lophuhliso lokumelana nemingeni. Imiyalelo ekwileyibhile ibonisa ukuba, i2,4D inokutshizwa ngokuyidibanisa neglyphosate okanye iatrazine. Kodwa uze ulilumkele ifuthe lentsalela yeastazine kwizityalo ezilandelayo.

Ngokwengcinga kaGq Maryke Craven, umphandi okwibanga eliphezulu eARC-Grain Crops, iParaquat, eyikhemikhali yokhula engakhethiyo, nayo ingasetyenziswa. Qinisekisa ukuba ukhula lumanziswe ngokupheleleyo ngamanzi aziilitha ezingama300 ubuncinane ngehetare nganye. Ukusetyenziswa kweglyphosate futhi kuya kunceda eku-tshatalalisweni kweragwort (*radiatorbossie*) nokweMexican poppy ikhakkakhaka eliblowu elineentyatyambo ezimhlophe. Qiniseka nje ukuba uzidibanisa nomthengisi wakho weekhemikhali zokhula ukuze wenze isiqqibo esibalaseleyo malunga nolawulo lokhula lasebusika.

### Ujikeleziso lwezityalo

Ujikeleziso lwezityalo nalo lunganceda kakhulu ekutshatalalisweni kokhula lwasebusika. Oojongilanga neembotyi zesoya banika umlimi ithuba lokukhetha ukuya emasimini kwangoko. Ezi zityalo azinazikhondwana ezininzi njengombona ngoko ke, ulawulo luncomeka kakhulu ngakumbi. Ngokunjalo amasimi anokusetyenziswa njengamadeleo kanti nekalika inokugalelw.

Ukutshabalalisa ukhula lwasebusika kuyimfuneko eqinisekisa ukuba abalimi bawlawula ngokuqaphela amasimi. Xoxa nomthengisi wakho weekhemikhali zokhula lingekafiki ixesha, ukuze kwenziwe isicwa-

ngciso sokufumanisa imigaqo eyiyona ibalaseleyo yokutshatalaliswa kokhula. Yenza onke amanyathelo okuhlakula okucwangciselweyo ngokugqala ukufumanisa esona sisombululo sibalulekileyo.

Ukuba wenza isiggibo sokusebenzisa iikhemikhali, qiniseka ukuba isitshizi sifakelwe izilinganiselo ngokuchanekileyo. Landela iingcebiso kwileyibhile ngokuqaphela uze uqinisekise ukuba kugalelw amanzi awaneleyo. Umthetho ongenakuphikisa kukutshiza ukhula lwasebusika luselula. Musa ukulinda ithuba elide, kuba kuba nzima kakhulu ukutshabalalisa ukhula xa ukhula selukhule ngokupheleleyo. ■



2B

Ityholo leragwort eseyikhulile.



3

Iargemone edubula iintyatyambo (iMexican poppy) okanye isityalo esiblowu sekhakakhaka esineentyatyambo ezimhlophe.

Imithombo yeenkukacha: [http://t1.gstatic.com/licensed-image?q=tbn:ANd9GcT\\_RRbG1s-nywluQ86FSyptGFTJaKGNAc7PpZBbsHK0rO2bfay5C4utn03Gr4dZKmWML\\_7\\_eKBn0u3itLdg](http://t1.gstatic.com/licensed-image?q=tbn:ANd9GcT_RRbG1s-nywluQ86FSyptGFTJaKGNAc7PpZBbsHK0rO2bfay5C4utn03Gr4dZKmWML_7_eKBn0u3itLdg)



PIETMAN BOTHA,  
UMCEBISI OZIMELEYO  
KWEZOLIMO

# WALAWULE NGOBULUMKO

## amatyala akho

**U**KBOLEKA IMALI YINTO UNINZI LWETHU OLU-FANELE UKUYENZA MAXA WAMBI, NGAKUMBI KULIMO. NANGONA KUNJALO, KHUMBULA UKUBA IMALI YEMBOLEKO IFANELE UKUBUYISWA, FUTHI NENZALA YAYO EQHELE UKUFAKWA.

Imalimboleko yimali oyifumana kwiziko lemali ngethemba lokuba uzinikele ekuhlawuleni isixamali osibolekiwego nenzala yaso. Ababolekisi bazifaka emngciphekweni wokungahlawulwa okunokwenzeka; ngoko ke, bahlawulisa imali yokuzikhuela kulo mngcipheko – le ntlawuliso ibizwa ngokuba yinzala.

Malunga **nemboleko ekhuselwego**, kufuneka ube nempahla ofunga ngayo ukuze ufumane imalimboleko. Ngoko ke, ukuba uysilela ekuhlawuleni okanye akulihlawuli ityala lakho, umbolekisi uenlungelo lokuthimba impahla yexabiso obuyibhalise njengesifungo sakho sokubuyisa imali. **Imboleko engakhuselwanga** ayiceli sifungo sampahla. Ukuba akuyibuyisi imalimboleko engakhuselwanga, umbolekisiakanalungelo lokuthimba nto. **Imalimboleko yoshishino lolimo** inako ukukuncheda ukuze uthenge impahla yexabiso, ulime isityalo (ufumane imboleko eneemveliso zamalungiselelo okulima), uthenge oomatshini nezixhobo ezitsa, uphucule impahla yokwanda-sa umhlambi, ufake ikhesi aphi ubulambatha khona ngokunjalo ufeze uluhlu lwezinye izidingo zemali.

Xa uboleka imali, ufanele wazi ukuba uzinikele ekuyibuyiseni – ngoko ke yiphathe ngenkathalo isenti nganye yayo. Phuhlisa futhi ulandele uhlahlomali olulawulekayo. Siqonde isakhono sakho soku-hlawula imali yetyala.

Qinisekisa ukuba ufumana inqanaba lenzala elingaphantsi okanye elilingana nelamanye amaziko emali. Funda amaxwebhu ngengqiqo phambi kokuwasayina. Ziconde kakuhle ezona ndleko zokuboleka. Kuqonde ngokucacileyo ukuba kuthetha ukuthini ukunikela ngempahla yakho yexabiso njengesifungo sokuhlawula ityala lakho kanye nezohlwayo zokusilela ukuhlawula ngokwemvumelwano. Ziliqela iimeko aphi abantu baboleka imali kuzo kodwa babe bengaon-danga ukuba bathembise ngempahla yabo yexabiso njengesifungo sokubuyisa imali yemboleko.

Kubalulekile ukubuyisa imali yakho yemboleko ngexesha eli-fanelekileyo, njengoko oko kuchaphazela igama lakho malunga nokubolekwa imali futhi kuchaphazela nemballi yakho yemalimboleko. Imbalu yakho yokuhlawula ityala ibonisa ezinye iibhanki nababolekisi ukuba ingaba uhlawule ngexesha na okanye akunjalo.

Ukutsiba imihla yokubuyisa imali yemboleko kune futhe elibi kubomi bakho bokufumana imali yemboleko. Kanti ukuhlawula ngexesha kuya kukunceda ngokukwakhela imbalu encomekayo yokunikwa imboleko, kuze oko kwandise amathuba akho okufumana imalimboleko futhi ngenqanaba lenzala eliphantsi. ■

JENNY MATHEWS,  
INGCALI NOMHLOHLI  
WOLAWULO NOPHUHLISO



AMAZWI  
AVELA...  
kuJohan Kriel

**E**LNYE IXESHA LOKULIMA ELITSALA UMDLA SELIQALILE UKUGCINA LONKE USHISHINO LWEENKOZO LUXHABASHILE. IIMVULA ZIFIKE PHAMBI KWEXESA ZAZE ZAQHUBA KWIXESA ELIDE.

Ukulungisa umhlaba bekungumngeni, ngokunjalo iitrektra neenkabi ngokufanayo zabelwe umsebenzi wazo kwezo meko zodaka. limeko ezichasene nezo zifunyenwe kwinyanga kaDisemba nango-Janyuwari ngenxa yemisinga yobushushu ebiqatsele nesuke yothusa abantu.

Nangona kunjalo, inkubo yethu isoloko ifundisa ukuba abalimi kufuneka bawalungise kwangoko amasimi abo, bawagcine ecocekile engenalukhula, bagqale ukugcina ukufuma komhlaba kangangoko kunokwenzeka ngokunjalo basebenze qho kwithuba elilelona lifanele ukulima.

Kodwa ke, eli xesha lokulima linezinye izicwangciso ezise-zingqondweni kwaye lisibonise indlele ongaba nzima ngayo umsebenzi wokufama kanye nokubaluleka kokuziqhelanisa neemeko ezikhoyo. Nkqu nabalimi abangabona barhweba kakhulu batshilo ukuba belilelinye lamaxesha okulima angawona anzima abakhe baqubitsana nawo. Ngethamsanqa izityalo ziyanamezel, kanti inkoliso yezityalo iphindie ibuyele kwisimo esibonisa ukuphila okuncomekayo.

Nantsi into ekufuneka kukhe kucingwe ngayo: Ulwazi, amava nokusinga ngeendlela zokuyila = ukuziqhelanisa nezimo, kungakhathaliseki ukuba umlinganiselo ungakanani. Umlimi ufanele ukuziqhelanisa neenguuko ukuze akwazi ukusinda kwiimeko ebez-tingabonakalanga kwangaphambili.

Ukuze ufumane ezi zakhono zingasentla njengomlimi kunyanzelekkile ukuba wakhe isiseko solwazi lwakho ngokufumana uqeesho, ukuqokelela iinkucukacha, ukicinga ngendlela ehlalutyayo nangokuqhabela phambili ubudlelwane obomeleleyo.

Phantse ndiqinisekile ukuba abaninzi benu bebeziva bety-hafisa kukungakwazi ukungena emasimini enu ukuze nilime okanye nitshabalalise ukhula. Kubalulekile ukwazi ukuba wonke umntu ebengxakini futhi eziva engonwabanga njengabanye. Yiba soloko ukhumbula ukuba xa ungenabo abamelwane abakufuphi abacinga ngokuyila izinto ezintsha nabanyamezelayo, basoloko behona nabantu abafana neGrain SA, abathengisi beemveliso zamalungiselelo, abameli nabamashishini bolimo abasebenza nabalimi abaninzi kwindawo yakho abakwaziyo ukukucebisa ngeyona nto isentloko onokuyenza kwiimeko ozibona ukuzo.

Zigcine womelele kwaye sikunqwenelela isivuno sendyebo!

– **UJohan Kriel ngumphathi wophuhliso kwindingqi esentsho-na yaseFree State.** ■

Malunga nohlelo lweSiNgesi lwePula yale nyanga, skena le khowudi yeQR.



# Indlela yokusebenza NGAMAXESHA OBUNZIMA

**I**NKOMFA YEGRAIN SA IBIBANJWE ENAMPO PARK NGOMHLA WESI8 NOWE9 KUMATSHI WALO NYAKA. UMXHOLO WONYAKA WAMA2023 UBUSITHI: 'UKUZIQHELANISA KWIMEKO ENGQONGWE YIMINGCIPHEKO NOKUNGABI-KHO KOZINZO'. INJONGO YALO MXHOLO UBUKUKUNIKA ABALIMI ISIKHOKELO MALUNGA NOKUSEBENZA KOKUSINGQONGILEYO OKUSOLOKO KUNEENGUQUNGUQUKO.

## IXESHA LOKULIMA LEMFESANE

Kwingxelo kasihlalo, uDerek Mathews (usihlalo) kune noGq Pieter Taljaard bachaphazele imicelimngeni yango2022, babandakanye uqinisekiso loka-ba nangona lo nyaka ubungenazinzo futhi kaninzi imingeni ingacingeleki kwangaphambili, ujike waba licesha lokulima lemfesane. Naxa abalimi beenkozo baseMzantsi Afrika bebesajongene nefuthe likabhubhane we-hlabathi kune nezipumo ezenzakalisayo zemfazwe eqhuba eUkraine, amaxabiso aphezelu eemveliso afane alungelelana ngenceba nomlinganiselo woqoqosho. Ulimo lukwazile ukubonisa amandla alo, kune noshishino lwemigodi, zikunye zingenelele kuqoqosho.

UMathews kune noGq Taljaard bagxininise ukuba ngexesha 'eli-naqhelekanga', urhulumente nabathengi bafikelele kwingqiqo enzulu yexabiso lecandelo lolimo elibonelela ngobukho bokutya okwaneleyo. Ngoko ke ibingunyaka weentsikelelo ngeendlela ezininzi.

UMathews uphinde waqwalasela iziganeko eziqaqbileyo zonyaka ophelileyo ebeziquka, phakathi kwezinye, ukuzinikela kwesiGqeba esiLawulayo nabasebenzi abaqeshwe ngabalimi beenkozo kwinzondelelo yabo yokuphumeza imiqqaliselo yombutho. Ezinye iziganeko eziqaqbileyo beziquka iintlobo ezintsha zembewu yeembotyi zesoya kune nobuchwepheshe obunika ithemba ngokunjalo nokujoliswa ngo-kutsha kwiSclerotinia. Kuxoxiwe ngophuhliso oluqhbayo malunga nemihlanganisela nenkubo yokwandisa emboneni kune namashishini engqolowa, ngokunjalo nokusekwa kweklinikhi yokufumanisa iingxaki kanti kwamkelwe neziko lokhuselo lwendalo ephilayo.

Ubukho bembewu yecanola bunconye njengomba osentloko ngokunjalo nembuyiselo yedizili, njengoko ukubhangiswa kwayo kunokuba nezipumo ezbialulekileyo kubalimi beenkozo. Lindawo ezithengisela amazwe angaphandle iimbotyi zesoya nazo ziboniswe njengelinje ibali lempumelelo kanti bekukho nochulumanco olucacileyo malunga nendawo eyiyenye yowlahlukaniso lweembotyi zesoya ukususela ngonyaka wama2023.

Kwindibano elandelisiweyo, uGq Taljaard ugxininise imibandela ekujoliswe kuyo ngokwesicwangcisocebo sombutho. Isakhono senzuko esithe kraty kune nesozinzo; uzinzo Iwabali abaphuhlayo; ukuzibandakanya kune negalelo lalamungu angabantu abasebatsa; isiseko esibanzi samalungu; ubudlelwane babathathinxaxheba abilityathanga elingundoqo lentsebenziswano kune nonxibelelwano oluncomekayo.

## IMPENDULO LUNYAMEZELO

Isithethi esistentloko, uSam Rolland, umbhexeshi woThunge-Iwano IweMbumba yobuKrelekrele beeNgcali zoQoqosho kwiAfrika engezantsi kweSahara, kwintetho yaso esentloko sivavanye imigaqo esetyenziswa ehlabathini malunga nobukho bokutya okwaneleyo. URolland unike ubungqina bokuba uqoqosho Iwehlabathi kungoku je lusemnqamlezweni weendlela, futhi akukho kuqiniseka ngento



*USihlalo weGrain SA uDerek Mathews uphinde wanyulwa ngaphandle kwempikiswano. Uza kuncediswa ngoosekelasilahlalo ababini uJeremia Mathebula noRichard Krige.*



*Iqela loPhuhliso IwabaLimi leGrain SA: uGq Sandile Ngcamphalala (inkokeli yoPhuhliso IwabaLimi, ekholo) noLiana Stroebel (uphuhliso: umlawuli woQeqesho neMisebenzi) kune nabaphathi bophuhliso lwengingqi abahlukeneyo: uLuke Collier, Jerry Mthombothi, Graeme Engelbrecht, Johan Kriel, Jacques Roux, Jurie Mentz noDu Toit van der Westhuizen.*

enokwenzeka nokulambatha kozinzo oluza kundanda kwiminyaka emihlanu ukuya kwelishumi ezayo.

Uqoshelise ngokwaleka ngelithi ubukho bokutya okwaneleyo buya kuba nendima enkulu kumngcipheko woqoqosho, futhi imigaqo yobuchule bokufama iya kwandisa izivuno ngokunjalo nokuthi umgaqonqubo wokusinqongileyo ehlabathini uya kukhuthaza ukusetyeniswa okuncitshisiweyo kwezichumiso. Uthundeze umbutho ukuba abe namanyathelo okuxhesha ugqaliselo ngokunjalo akhokele njengoko urhulumente engasayi kukwazi ukwenza zonke izinto.

## FUNDA KWIINGCAPHEPHE NAKWABANYE ABALIMI

lingxoxo zeenkokeli zomcimbi ngexesha leNkomfa zijoliswe ekuzihobiseni ngolwazi Iweengcaphephe nolwabanye abalimi. linkokeli zomcimbi ezizingcaphephe, ebezikhokelwa nguGq Taljaard, bezino-Erik de Vries (uCEO weAgri Technovation) oxoxe ngobuchwepheshe obutsha ekulinyweni kweenkozo; uGerhard Diedericks (ingcaphephe yeinshorensi ezimeleyo) othe the ngamatshuba amatsha kwi-inshorensi yamaqela yeenkozo nasekulinyweni kwembewu yeoyile; kune



*Abameli baseDALRRD banoGq Sandile Ngcamphalala – uMbulaheni Thomas Mutengwe, Malose Johannes Fache noBilly Makhafola.*



*Isithethi esisentloko kwiNkomfa yama2023, uSam Rolland.*

*UThobani Ntonga unyulwe njenge-lungu lesigqeba esilawulayo kwingi-nqqi yama33, elandela ukukhethwa kukaPatrick Stuurman njenge-lungu elongezelelweyo IoPhuhliso IwabaLimi kwisiGqeba.*



*Inxaxheba yobambiswano yabo bebezimase iNkomfa ikhuthaziwe. Ukusetyenziswa kweenkqubo zokuvota ngekhompyutha kuqinisekise ingxelo eyakhayo emva kwaseshoni nganye.*

*lifoto: Lizele Snyman*

noMonique le Roux (CSIR) ochaphazele izisombululo zonkinkisho lombane kunye neentambo zentsimbi zombane zesisizwe.

Imibandela emithathu malunga nokulinywa kweenkozo egqibele ngokuxoxwa ibibubuchwepeshe kunye nokusetyenziswa ngoku-faneleke kangangoko kweenkukcukacha eziqokelelwego, imingcipheko eyandayo kushishino ngokuqinisekileyo ngenxa yendlela eliguqu-guquka ngayo ushishino ngokunjalo nentlekele yombane kananjalo nemigaqo enokulandelwa ngabalimi beenkozo yokunxulumanisa ezi-neye iindlela zokuyila umbane nothungelwano lwestizwe.

linkokeli zomcimbi wabali, ebezikhokelwe nguCorné Louw (Inkokeli yezoQoqosho eziSebenzisekayo kunye neeNkonzo zama-Lungu eGrain SA) bezinoGiovanni Pariziaello (umlimi waseBrazil), uAndré Brink (uMlimi woNyaka weeNkonzo wama2022) kunye noAC van Wyk (umlimi weenkozo zasehlotyeni waseBultfontein kunye noMlimi woNyaka weeNkonzo wama2017). Ingxoxo ijoliswe kwindlela aba balimi bebelawula ngayo amashishini abo kwiimeko ezinempingci-phiko ephezulu ngokunjalo nezfundo abazifunde kuzo. Njengoko zandile iziganeko ekungekho mlimi onokuzicwangcisela, igalelo leenkokeli zeengxoxo belixabisekile.

### **INDLELA EPHAMBI KWETHU**

AbakwaGrain SA babulela onke amalungu abo, abahlulelane, abadlalizindima nabaxhasi ababe negalelo kwiNkomfa ebinempumelo yama2023. Kunyaka ozayo siza kusebenza kunye xa sibuyisela ulimo olulungiselelwego kwizinto ezibaluleke kumalungu ethu – ugqaliselo lube sekufameni.



**ALZENA GOMES,  
IGOSA LOBUDLELWANE  
BOLUNTU, EGRAIN SA**



# Imiqathango yokhuselo

**U**MQESHI UNOXANDUVA LOKUSEKA INDA-WO YOKUSEBENZELA ENOKHUSELO. IMIQONDISO YOKHUSELO KUNYE NE-MIQATHANGO YEMO YONXUNGUPHALO MAYIBEKWE EKUHLENI APHO IBONAKALA KHONA KUBASEBENZI, ABAQESHWA BETHUTYANA KUNYE NEENDWENDWE.

Imiqondiso yokhuselo yenza ukuba abasebenzi baziqaphele iindawo ezinokuba neengozi ngokunjalo makubekho izalathiso ezibonisa iindlela zokuphuma okanye ezokuhlangana kwindawo yokusebenzela. Ikwabonisa ukuba impahla yokuzikhuela inganxietywa nini ngokunjalo kunxitywe eyiphi xa kusenziwa imisebenzni ethile.

Imimiselo yoKhuselo ifanele ukuba ibe nemiqondiso eyamkelwe yonke yiSouth African Bureau for Standards (SABS) futhi kufuneka ibonakale ngokucailleyo. Imiqondiso yeendlela zokuphuma kune neyezicimililo mayileneze ebumnyameni, ukuze isoloko ibonakala. Xa kukho naziphi iimpawu eziba mfiliba, kufuneka kubekwe ezinye endaweni yazo.

Izixhobo zokuthintela umlilo onokuvela kwimpahla ethile ma-ziqwelaselwe zize zilungiswe qho ngonyaka ngumntu onesiqinise-kiso sokwenza oko nokuba liqumrhu, futhi ufanele ukugqibezela ileybibile eqhotyoshelwe kwisixhobo sokucima umlilo.

Indawo yokusebenzela maybe nesicwangciso sokukhutshwa kwabantu ekuxoxwe ngaso nabasebenzi. Amanyathelo enkqubo yako mabaziqhelanise nayo abantu kabini ngonyaka obona buncinane.

Mazisetyenziswe iinombolo zemo yonxunguphalo kwindawo yokusebenza. ■

CHARL SAAYMAN, UMCEBISI WEMPIO  
NOKHUSELO EMEGA HEALTH AND SAFETY



# MAEMO A MO A MMIDI MO

**M**MARAKENG WA LEHAE, DITHEKO KA TLWALELO DI THEOHA HO TLOHA MMESA HO ISA MOTSHEANONG KA LEBAKA LA PHETOHO HO YA HO SEHLA SE SETJHA SA TEMO, KA THEPA E EKETSEHILENG KA LEBAKA LA HO QALA HA TSHEBETSO YA HO KOTULA. AFRIKA BORWA HANGATA E HLODISANA LE NAHA YA DITHEKO TSE TLASE KA HO FETISISA YA THOMELLO YA KA HARE, EO HANGATA E LENG ARGENTINA KAPA BRAZIL.

Ukuba impahla egciniwego iyancipha ekupheleni kwexesha lokulima, amaxabiso angashenxa kulingano lokuthengisa ngaphandle, kodwa isiqhelo malunga nombona kukuba amaxabiso akholisa ukuhlala kulingano lokuthengisa emazweni angaphandle. Oku kubangelwa kukuba uMzantsi Afrika uqhele ukuba nempahla egciniwego ethe kratya kuna-leyo idingwa kweli lizwe nokungakwazi ukuthengisa intshiyekela emazweni angaphandle kangangokuba kude kubekho ukunganeli kwemali.

UMzantsi Afrika ulindele isivuno esikhulu kwixesa elizayo lokulima (**Itheyibhile 1**). Impahla esetyenziswa kweli imalunga neetoni ezizigidi ezi11,4, kanti ezinye izigidi zeetoni ziya kuthengiswa emazweni asebumelwaneni – ngoko ke kukho intshiyekela yeetoni zezigidi ezi3 enokuthengiswa ngaphandle, meko leyo ebeka impahla egciniwego kwinqanaba elanelisayo.

Igrafu 1 ibonisa impahla yaseMzantsi Afrika ekuvalwe ngayo negciniwego ekupheleni kwexesha ngalinye lokulima. Kumaxesha adlulileyo amathandathu, kubekho isiqhelo sokuncipha nokwetha kwamanqanaba empahla egciniwego ekupheleni kweli xesha lokulima. Nangona kunjalo, kubonakala ngathi amanqanaba empahla egciniwego aya kwanelisa ekupheleni kweli xesha lokulima, oko kwalatha ukuba kungangcono ukuhlala kulingano lweli lizwe lokuthengisa ngaphandle. Kwakhona amaxabiso angarhweba ngamanqanaba angaphantsi kulingano lokuthengisa ngaphandle ukuba okuthengiswayo akwenzelwanga ukuxhasa amaxabiso.



**WHEN YOU CELEBRATE GREAT  
MOMENTS, WE CELEBRATE TOO**



Together we farm  
for your future™




TM ® Trademarks of Corteva Agriscience and its affiliated companies.  
© 2023 Corteva. 2023/CORP/E/008DEV/STRIP

# MAREKISETSONG AFORIKABORWA

1

*Umbona ekuvalwa ngawo nempahla eselugcinweni.*



1

*Uqikelelo IweCEC Iwesityalo sombona ngexesha lentengiso lowama 2023/2024.*

ISITYALO	Indawo elinyiwego 2023 lihektare (A)	Uthelekelelo lokuqala 2023 litoni (B)	Indawo elinyiwego 2022 lihektare (C)	Isityalo sasekugqibeleni 2022 litoni (D)	Inguquko % (B) ÷ (D)
<b>Okorhwebo:</b>					
Umbona omhlopho	1 520 500	8 187 150	1 575 000	7 850 000	+4,29
Umbona otyheli	1 062 000	7 427 900	1 048 000	7 620 000	-2,52
Umbona uphelele	2 582 500	15 615 050	2 623 000	15 470 000	+0,94

Kwintengiso yehlabathi, kubonakala ngathi impahla ekuvalwe ngayo ingancipha nge10%, kuze oko kunike inkxaso emaxabisweni kude kuge yinyanga kaSeptember, xa iMelika (USA) iqalisana ngenkqubo yayo yokuvuna. Ehlabathini amaxabiso ngoku aphantsi koxinzelelo.

Ekuba ugqaliselo IweUSA lokulima lwalatha ekuba kuya kulinywa iiankile ezingama92 zezigidi zombona, okunokuba khona kuya kuba luxinzelelo olunzulu olubonisa ukwetha kwintengiso yehlabathi. Oku kungenzeka ngenxa yokuba umbona ngoku unika inzuzo ephezelu kunokulima iimbotyi zesoya eUSA.

Kwixesha lokubhala eli nqaku (kuMatshi ngo2023) imvumelwano gabalala kukuba ukubekwa kwamaxabiso kufanele ukwenziwa phambi kwasekupheleni kwenyanga kaMeyi – ixeshsha eliphakathi kuMeyi liya kufaneleka ngakumbi. Kulindeleke ekuba kwixesha elithile phambi kwasekupheleni kwenyanga kaMeyi, kungaphinda kubekho inkxaso kwakhona kwintengiso yeli lizwe, meko leyo eya kudala ithuba lokubekwa kwamaxabiso ukulungiselela abalimi. ■

CHRISTIAAN VERCUEIL,  
INGCALI YOQQQOSH  
KULIMO, EGRAIN SA



# PULA IMVULA

*Iqela labahleli*

## GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087

Lynnwood Ridge

0040

■ 086 004 7246

■ www.grainsa.co.za

## UMHELEI OLAWULAYO

Dr Sandile Ngcamphalala

■ 082 862 1991 ■ lofisi: 012 943 8296

■ sandile@grainsa.co.za

## UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel

■ 084 264 1422 ■ lofisi: 012 943 8285

liana@grainsa.co.za

## UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING

Umhleli ongumncedisi – Louise Kunz

■ louise@infoworks.biz

■ Inkokeli yeqela lomsebenzi – Johan Smit

■ 082 553 7806 ■ lofisi: 018 468 2716

■ johan@infoworks.biz

■ Abapapashi – Elizma Myburgh, Jesseme Ross



## INQUBO YEGRAIN SA YO PHUHLISO IWABA LIMI

### ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Jacques Roux

IFree State eseNtshona (Bethlehem)

■ 082 377 9529 ■ jacques.rouxjr11@gmail.com

Johan Kriel

IFree State eseMpuma (Bloemfontein)

■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Mbombela)

■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)

■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)

■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Phumzile Ngcobo (Umncedisi waseOfisini: Dundee)

■ 060 477 7940 ■ phumzile@grainsa.co.za

■ Office: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)

■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)

■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad & Mthatha)

■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

UCwayita Mpotyi (Umncedisi waseOfisini: Mthatha)

■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8277

## IPULA IMVULA IFUMANEKA

### NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, isiNgesi, isiSetswana, isiSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE  
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY  
THE MAIZE TRUST

# Inkgubo egugula ubomi babantu



## Kusoloko kukho into efundwayo

**INYANGA** kajanyuvari nekaFebruwari ngo2023 ziinyanga ezisen-cochoyini yokulima izityalo zasehlotyeni kwaye kubekho amathuba otyelelo Iweefama angama402 kanye neentlanganiso zamaqela ofundonzu ezili104. Kwinyanga kaMatshi, abacebisi baseGrain SA bazibandakanya kumathuba otyelelo Iweefama ali127 nakwiintlanganiso ezili120 zamaqela ofundonzu.

lindibano ezinini bezibandakanya amalungu eqela atyelela amasimi abalimi ngenjongo yokuqwalasela iindlela eziqhube ngayo izityalo. Kwa-khona iqela linikele ngeengcebiso ngendlela abalimi abanokuphumeza ngayo esona sakhono sibalaseleyo sezityalo zabo.

Izifundo ezilandelayo ziqhube kuMatshi:

- Izifundo zoqequesho ezibini 'Izifundo ngentshayelelo yokulinya kweembotyi ezomileyo', ebezixhaswe yiOil and Protein Development Trust (OPDT), zinikelwe kwinyanga kaMatshi.
- Izifundo 'Ulondolozo Iweetrektara noomatshini bokusebenza efama', ebezixhaswe yiMaize Trust, zinikelwe kubafundi abangama20 eQwaQwa, Phuthaditjhaba, eFree State.



UNdinda Mkhonza waseHereford East eMpumalanga ubonisa izityalo zakhe ngeqhayiya kwiqela laseGrain SA ngyetelelo Iwefama.



UPaul Wiggill, umcebisi kwisiphaluka saseBergville, utyelele uThanduyise Shelembe waseRietvlei ngase-Greytown KwaZulu-Natal ukuze aqwalaqela izityalo zakhe.



Umlawuli wophuhliso Iwengingqi, uJerry Mthombothi, uchulumache kakhulu ngesityalo sikaJabulane Mahlangu. UJabulane ufama eSehlakwane eLimpopo.

## Abalimi baziqhelanisa neemeko UKUZE BAMELANE NEMINGENI

**UWILL** Rogers, umdlali weqonga waseMelika, wakhe wafumanisa ukuba umlimi ufanele ukuhlala esethembeni, kungenjalo akanakuba usengumlimi ngoku. Kweli xesha lokulima abalimi bebjongene nemingeni yesiqhelo. Le mingeni ibiqua izandyondyo zeemvula, ezbambezele ukulima kwiqinggingqi ezaqlukeneyo, imbalela yaphakathi ehlotyeni efike ngesiquphe yaza yagquba kwixesha elingaphezu kweeveki ezsixhenxe kwiindawo ezithile kanye namathuba angamkelekanga ohlaselo Iweziphango, nezibangele umonakalo emasimini aliqela.

Ngoncedo Iweqela leGrain SA, abalimi bafunde indlela yokumelana nemingeni. Banethemba lokuba njengoko ixesha lokuvuna selisemnyango, ziya kuba zihle izivuno eziya kusiwa kwizisele zeli lizwe.



UPaul Wiggill uncedisa omnye wabalimi bakhe, uKB Mazibuko, ngokuzalisa iifomu zeinshoreni malunga nomonakalo wesiphango.



Amasimi amanzi eembotyi zesoya kaMlotshwa Mathews Mfanimpela wengingqi yaseLouwsburg enze kwaba nzima ukunema kuwo.



Isikhukula semvula sibangele iingxaki eziliqela. Umgaqo iTsolo (eMpuma Koloni) ubukhangaleka ngathi ngumlambo kunokuba ngumqaqo.